



# Vuk'uzenzele

Iziswa yiNkonzo yezoNxibelelwano neNkqubo yoLwazi kaRhulumente (GCIS) isiXhosa/English EyeSilimela 2016 Ushicilelo 1



**Izibonelelo zezentlalo zikaRhulumente ziphucula ubomi babantu**

*Iphepha 5*



**Iifama zaKwaZondi zifumene inkxaso**

*Iphepha 10*

**INEZITHUBA ZEMISEBENZI**

## Ukomelezwa kwenkqubo yezeempilo eMzantsi Afrika



UMphathiswa wezeMpilo uGq Aaron Motsoaledi ubhengeze iinkqubo zikarhulumente zokulwa noGawulayo (i-AIDS) kunye neNtsholongwane yakhe (i-HIV).

### Amukelani Chauke

**N**jengokuba eli lizwe liqhubela phambili ngokumisela eyona nkqubo inkulu ehlabathini yokulwa uGawulayo (i-AIDS neNtsholongwane yakhe (i-HIV), uMphathiswa wezeMpilo uGq Aaron Motsoaledi ubhengeze iinkqubo eziluhlalima ezijoliswe ekomelezweni kokuliwa kwe-HIV ne-AIDS.

Le nkqubo eyasulungwa ngokumisela kwelona phulo likhulu lokuvavanya kwabantu ngowama-2010 – neyayisaziwa ngokuba liPhulo lokuCebisa nokuVavanya i-HIV (i-HCT) – elakhokelela kuvavanyo lwabemmi beli abazizigidi ezili-18 kwisithuba seenyanga ezili-18.

Kunamhlanje nje abemmi beli lizwe abazizigidi ezili-10 bavavanywa minyaka le.

UMphathiswa Motsoaledi ukwabhengeze nokuba ukususela kweyoMsintsi nonyakanje, zonke izigulana ezine-HIV ziza kunikwa amachiza okuthomalalisa i-HIV (ii-ARV) nokuba sithini na isibalo sobungakanani bamajoni omzimba (i-CD4) kuzo.

“KweyoMsintsi kulo nyaka kuza kuyekwa ukusetyenziswa kwesibalo se-CD4 ukuze umntu abe nokunikwa ii-ARV. Abantu baza kuvavanywa banyangwe ngokwemigqaliselo emitsha ebhengezwe kweyoMnga nyakenye nguMbuthe wezeMpilo weHlabathi

(i-WHO).”

“Ukwaleka, ukususela kwinyanga yeSilimela siza kunika iipilisi zokuzikhusela, i-Pre-Exposure Prophylaxis (i-PrEP), kwabo baphila ngokuthengisa ngesondo ngeenkqubo ezizigaba ezili-10. Ezi nkqubo ziyakuqala ngezifundo ezingamaphulo okubonisa ngeendlela zokubanika i-PrEP phambi kokuba zinikwe nabanye abantu basetyhini abaselula abasesichengeni sokufumana esi sifo” utshilo uMphathiswa xa ebesandlala intetho yevoti yohlahlo lwabiwo-mali leSebe lakhe ePalamente kutshanje.

UMphathiswa uhambise wathi, kule nyanga urhulumente uzakumisela iphulo leminyaka emithathu nelijoliswe ekuncitshisweni kokosuleleka kwabasetyhini abasebatsha kuze kwangaxeshanye bandiselwe namathuba ezoqoqosho ngenjongo zokubakhusela ekubeni ngamakhoba amadoda amadala athanda ukuthandana nabantwana.

“Siza kumisela iphulo leminyaka emithathu eliza kujoliswa kumantombazana nabasetyhini abaselula abaneminyaka yobudala ephakathi kweli-15 nengama-24 kwanamadoda abosulelayo nawabenza nzima,” utshilo.

Eli phulo liza kugxila kwiinkalo ezintlanu ezingundoqo:

- Ukuncitshiswa usuleleko kumantombazana nabasetyhini abaselula.
- Ukuncitshiswa kokumitha kwamanto-

mbazana aselula

- Ukuncitshiswa kweziganeko zokuxhatshazwa ngokwesini nangesondo.
- Ukugcinwa kwamantombazana esikolweni ade afikelele kwibanga le-12.
- Ukudalwa kwamathuba ezoqoqosho kulungiselelwa abasetyhini ukuze basuswe kumadoda afuna ukuthandana namantombazana aselula.

UMphathiswa uthe oku kuhambisana ngqo neenjongo zeSebe lakhe zokuhla-ngabezana neenjongo zeNkqubo yeSizwe yoPhuhliso (i-NDP) zokunciphisa izifo, ukuphila kwabantu bade bafike kwiminyaka engama-70 ngonyaka wama-2030 kwanokuba kubekho isizulwana esineminyaka yobudala engaphantsi kwengama-20 esingenayo i-AIDS.

“Eli phulo kufuneka lixhaswe ngurhulumente ngokubanzi naluluntu ngokunjalo yaye likhokelwe ngabantu abatsha,” utshilo.

UMphathiswa uthe eli phulo liza kuxabisa iibhiliyoni ezintathu zeerandi yaye liza kuxhaswa ngezimali eziphuma kwi-PEPFAR, i-Global Fund, i-German Development Agency (i-GIZ) kunye namasebe karhulumente.

Inani labantu ababulawa yi-AIDS eMzantsi Afrika lehle ukususela kuma-320 000 ngowama-2010 ukuya kuma-140 000 ngowama-2014, ukanti inani labantwana abosulelwa nge-HIV ngoonina lehle ukususela kwiintsana ezingama-70 000 ngowama-2004 ukuya ngaphantsi kwama-7 000 ngowama-2015.

“Nanjengokuba nibona, le yimpumelelo encomakayo kodwa niyakuqwalasela ukuba konke oku kube nokwenzeka ngenxa yoncedo lwezamachiza.

“Xa kuthethwa ngomba wokuziphatha, sifika sinyuke umnqantsa – ingakumbi kwabasetyhini abaneminyaka yobudala ephakathi kwe-15 nama-24. Kweli khaba, ngabangama-5 000 abosuleleka okokuqala ngeveki kamazwe ali-14 amaZantsi neMpuma Afrika kodwa isiqingatha selo nani sifumaneka eMzantsi Afrika kuphela,” utshilo uMphathiswa.

UMphathiswa ukwathe, ezi nkqubo zintsha ziza kudla iSebe lakhe esinye isixa-mali esiyibhiliyoni yeerandi kolu hlahlo lwabiwo-mali lalo nyaka, imali leyo uNon-dyebo weSizwe asele eyinikezele nakubeni iimeko zoqoqosho zimaxongo.

**I-TB ISENGUMBULALI OMKHULU**  
Kusenjalo, uMphathiswa uthe lo gama i-HIV ne-AIDS zibangela ukuxhalaba, isifo sephepha (i-TB) sitshotsh’ entla ngokubulala abantu.

Uthe nakubeni inani labantu ababulawa yi-TB lehlile ukususela kuma-70 000 ngowa-

ma-2009 laya kutsho ngaphantsi kwama-40 000 ngowama-2014, kodwa isaphala phambili kuzo zonke izifo ezosulelayo ngokubulala abantu kweli lizwe nakwihlabathi liphela.

“Ukususela oko kwaphehlelelwa iphulo lovavanyo ngoSuku lweHlabathi le-TB ngomhla wama-24 kweyoKwindla ngowama-2015, nguSekela-Mongameli uCyril Ramaphosa, kuyandivuyisa ukubhengeza ukuba sibe nokuvavanya amawaka-waka abantu kwiindawo ezisechengezi zokuba ngamakhoba esi sifo, ezizintolongo, indawo ezimelene kunye nezikufutshane nemigodi.

“Nonyakanje siza kugxininisa koomasipala abambhaxa abasibhozo ngeenjongo zokuvavanya abantu abasisigidi esiyi-1.3,” utshilo.

UMphathiswa uthe iSebe lakhe liza kufumana imali elilizo ezibhiliyoni eziyi-4,2 zeerandi kwiGlobal Fund khon’ ukuze urhulumente abe nokuxhasa inkqubo yakhe yokulwa i-HIV ne-TB.

### INKQUBO ENTSHA YEKHOMPYUTHA YOKUKHANGELA UKUNQONGOPHALA KWAMACHIZA

UMphathiswa uthe omnye wemiceli mngeni ephambili owenza kube nzima ngakumbi ukulwa esi sifo eMzantsi Afrika kukuphela kwamachiza.

Uthe isebe lakhe sele kulithuba ngoku lizamazamana nale ngxaki. Uhambise wathi urhulumente uqalise ngenkqubo entsha yokupopola umthamo wamachiza (i-SVS) kuzo zonke iikliniki.

“Le nkqubo isetyenziswa ngamagosa ezeempilo ukuphendla iibha khowudi kumachiza ukuze loo machiza abhalwe kuluhlu lwa-machiza e-ARV, amayeza okulwa i-TB kunye nawokugonywa akhoyo.

“Olu lwazi lubonakalisa ubungakanani bamachiza akhoyo ngelo xesha yaye igosa liyakwazi ukukhangela ubungakanani bawo nokuba liphi na ngokusebenzisa i-intanethi,” utshilo.

UMphathiswa uthe kumaphondo amathandathu le nkqubo sele isebenza kumaziko ali-1 900 kungenjalo kuma-60% azo zonke iikliniki kweli lizwe.

Uthe kuyaqutyekwa ngamalinge okwenza ukuba zonke iikliniki zibe kanti ziyakwazi ukuthumela iinkcukacha ngobungakanani bamachiza azo kwiziko lesizwe lokulawula oku. Oku kuya kuba sele kusebenza kwezi nyanga zintathu zizayo.

Uthe isebe lakhe likwaqalise nenkqubo entsha eyaziwa ngokuba yiNkqubo yeZiko

**> Liqhubeka kwiphepha lesi-2**



## EMINYE IMIBA GABALALA

# Government and citizens to interact more



Government has come up with creative ways to improve and ensure that there is constant communication with its citizens.

## Amukelani Chauke

South Africans will soon experience even better interaction with government.

The Government Communication and Information System (GCIS) will spend over R300 million on programmes that will improve communication between the state and citizens, said Communications Minister Faith Muthambi when she tabled the department's Budget Vote.

The National Development Plan emphasises the need to unite South Africans around a common goal – ensuring that citizens are active in their own development and build a capable and developmental state.

"This partnership is as a result of our community outreach programme in far flung areas of our country.

"To support these outcomes, the GCIS will continue to implement programmes aimed at facilitating two-way communication between government and its citizens," she said.

The Minister explained that the partnerships would enable citizens to access information about government policies, plans, programmes and activities to promote government accountability and ensure that citizens can actively participate

in government initiatives.

"In order to fulfil this responsibility, a budget of R382.1 million has been allocated to the GCIS," she added.

## GOVERNMENT THROWS ITS WEIGHT BEHIND COMMUNITY RADIO

The Minister said supporting community radio was a priority for government and urged the private sector to do the same.

"The Community Radio Support Strategy has been finalised and is being implemented. "I am pleased to inform the house that in the 2015/16 financial year the GCIS spent over R26 million on community radio advertising.

"During the 2016/17 financial year, five licensed community radio stations will be provided with broadcasting infrastructure," she said.

The Minister added that work was at an advanced stage as far as finalising the broadcasting policy review process was concerned.

She said some of the overarching and specific objectives of the review are to:

- Create a level playing field for emerging audio-visual media services.
- Protect and empower consumers (audiences), in particular to guarantee key societal values for the protection

of minors and human dignity and promote the rights of visually and or hearing impaired persons.

- Promote South African content to support social cohesion and nation building and safeguard media diversity, pluralism, freedom of expression and information.

"The department's community radio programme is working! The Greater Giyani Municipality partnered with the Giyani Community Radio Station and provided them with premises and advertising support to ensure the sustainability of the station.

"We call upon other municipalities to emulate this gesture, without compromising the editorial independence of the stations," she said.

The Minister added that the department would also continue to publish and distribute the fortnightly *Vuk'uzenzele* newspaper.

She said in the 2016/17 financial year, the department has allocated R25.8 million to produce and distribute 18.7 million copies per year in all 11 official languages.

"We will continue to encourage government departments to place recruitment advertisements in *Vuk'uzenzele*.

"I would like to thank departments that are using this platform to advertise their vacancies and I also encourage others to do so too," she said.

## > Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

lokuGcina nokuKhupha amaYeza eziGulo ezingaNyangekiyo (i-CCMDD).

"Le nkqubo yenza ukuba abantu bagula zezi zigulo kodwa bakwaziyo ukuzingcambazela ukuba babe nokulanda amayeza abo kumaziko akufuphi namakhaya abo okanye iindawo abasebenza kuzo – ngoko bongwe imali nexesha.

"Oku kunceda nokunciphisa ixesha lokulinda kwabo ezikliniki kwanokunciphisa inani labantu abaya ezikliniki," utshilo.

UMphathiswa Motsaledi uqhube wathi ukuza kuthi ga ngoku zimalunga nama-400 000 izigulane esele zibhalisele le nkqubo ukuze zilande amayeza azo kumaziko angaphezulu kwawaka kubandakanywa amaziko afanele oko, iikhemesti

ezizimeleyo, amanye amaziko ezempilo nakoogqirha babucala.

Uthe iSebe lakhe liceba ukuba libe sele linikezele le nkonzo kwizigulane ezingama-800 000 ekupheleni kwalo nyakamali.

"Kufuneka siqinisekise nokusetyenziswa kwamayeza ngendlela eyiyo. Ukwenza oko sinemigqaliselo enqalileyo equlunqiweyo elawula ukusetyenziswa kwamayeza (ii-STG).

"Kulo nyaka uphelileyo samisela inkqubo entsha yokusasaza le migqaliselo phofu siqale ezikliniki.

"Le nkqubo ifumaneka simahla kuwo onke amaziko eenkqubo ezikumila kunje yaye iyasebenza nokuba awuna-intanethi. Oku kwenziwe ngeenjongo zokuncedisana nalo magosa asemaphandleni apho unxibelelwano nge-intanethi

lunqongopheleyo okanye lungekho tu kwaphela," utshilo.

Uthe le nkqubo ikwanceda nasekuthatheni izigqibo kumaziko empilo. Ikwanceda nasekunikeni ingxelo ngokunqongophala kwamachiza ayimfuneko. Nawuphi na ugqirha kulo naliphi na iziko akuxelelwa ukuba ichiza elithile liphelile emva kokuba ebelibhalile ukuba linikwe isigulana unokucofa iqhosha elithile kule nkqubo yekhompyutha ukuze oku kushokoxeka kube njalo kuchaziwe ngqo ePitoli.

"Ngokwenza njalo ugqirha lowo akunyanzelekanga ukuba abe ehlisana esenyusana nabaselulawulweni esibhedlele okanye ekliniki abemele ukuba babe bakuchazile oko kunqongophala ukuba bekukho ulawulo oluqilima kwelo ziko.

"Le nkqubo sele isetyenziswa ngabantu abangama-150 000 eMzantsi Afrika," utshilo.


## Look out for the new and improved Vuk'uzenzele

*Vuk'uzenzele* will be celebrating its 100th edition in the next edition on 15 June. So look out for a new fresh look of *Vuk'uzenzele* SOON!

#Vuk100

### Did You Know

- The newspaper is available in **Braille, Web & App**
- The 1st edition was published in: **October 2005**
- Number of copies produced: **153.75 million**
- Number of braille copies produced: **50651**
- Number of editions produced: **99**
- Publishing frequency: **Twice a month**
- Number of copies per edition: **850 000**
- Distribution: **All provinces**
- Number of households: **1 645 202**
- Reach: **5.1 million**
- Language: **All official languages**



JUNE EDITION TWO 2016




*Vuk'uzenzele* is also available in Braille and on: <http://www.vukuzenzele.gov.za>

Remember to follow us on:

f Vuk'uzenzele @VukuzenzeleNews

Download App on:





# IsiXeko sase-Ekurhuleni siphucula ubomi babantu

Nonkululeko Mathebula

IsiXeko sase-Ekurhuleni senze inkqubela encomekayo yaye siziphumezile izithembiso zaso kubantu balapho. Oku kubonakele kakuhle kwiNtetho yoBume besiXeko apho ukudalwa kwamathuba emisebenzi kube ngumba ophambili.

USodolophu wase-Ekurhuleni uMondli Gungubele uthethe ngeningeni kwanenkqubela esele yenziwe ukuza kuthi ga ngoku kwakunye nengxaki yentswela-ngqesho kulo mmandla watsho eqinisekisa abahlali ukuba urhulumente uthethe ngqolo ukulwa oku yaye uyazama ukudala amathuba emisebenzi.

"Kumalinge ethu okudala imisebenzi nokulwa indlala, sivule amathuba emisebenzi angekho ngaphantsi kwama-200 000 kule minyaka mihlanu idlulileyo ukanti ke ngenkqubo zikarhulumente sivule amathuba emisebenzi engama-52 856 ngeNkqubo yemiSebenzi yo-Luntu eyoNgezelelweyo kwaneNkqubo yemiSebenzi yasekuHlalani."

Uhambise wathi icandelo lezoqoqosho lona lidale ezinye izithuba zemisebenzi ezingama-148 589 kulo mmandla kwangeli xesha linye.

"Ngaphezu koko, esi sixeko sibe nokunika izingxungxo zeminyaka emibini kubantu abatsha abangama-5 000 kwiinkampani ezahlukeneyo. Oko akwenzelwanga ukudala imisebenzi kuphela koko nokubakrobisa kwimeko yemisebenzi khon' ukuze babe nokuqesheka kwixesha elizayo."

## UKUKHULISWA KOQOQOSHO LWASEZILOKISHINI

Ngokuhambelana namalinge okudalwa kwezithuba zemisebenzi kwimpuma yeRhawuti, isixeko sase-Ekurhuleni sime mantsantsa sivuselela uqoqosho lweelokishi zayo ukuqinisekisa ukuba ushishino luyaphila ezilokishini.

Ukuphumeza oku, kuvulwe amaziko amahlanu amatsha oshishino ezilokishini kubandakanya ne-Etswatwa, iVosloorus, iDuduza naKwaThema. Ukugcina la maziko esebenza kuza kuxabisa imali ezizigidi ezingama-90 zeerandi ngonyaka.

Kukwanikezelwe kwiinkampani ezisakhasayo imisebenzi ezixabisayo ezizigidi zeerandi, oko kusenziwa ngeenjongo zokudalela abahlali balo mmandla amathuba emisebenzi.

Kukwanikezelwe ngesixa-mali sezigidi ezithandathu zeerandi kumashishini ali-128 amancinci, aphakathi namakhulu ukuncedisa ekwaphuhliseni.

Le yinxalenye yemisebenzi eyenziwe sesi sixeko nekwayinxenye yemali ezibhiliyoni eziyi-2.9 zeerandi ebekelwe bucala ukulungiselela uphuhliso phantsi kwenkqubo i-Mintirho ya Vulavula Community Empowerment Programme.

## IZINDLU EZISEMGANGATHWENI

USodolophu uGungubele ukwakhankaye nokubaluleka kokuqinisekiswa ukuba abahlali banezindlu ezisemgangathweni.



USodolophu wase-Ekurhuleni uMondli Gungubele ngethuba etyelele kwiklinikhi iVilla Liza esanda kwakhiwa eBoksburg.

"Ukuzalisekisa imbono yokuba bonke abantu babe nezindlu eziphucukileyo, ukususela ngowe-1994 ukuya kutsho kowama-2006 kwakhiwe izindlu ezingama-112 781.

"Nakubeni kunjalo, zizindlu ezingama-14 781 ezakhiwe phakathi kowama-2011 nowama-2016 nakulo nyaka-mali ngemali efunyenwe kuRhulumente wePhondo. Sesiqalisile ukwakha izindlu ezingama-471 kwezingama-526 ekucetywa ukuba zakhiwe.

"Ngaphezu koko, sele sifakele iinkonzo

kwiziza ezimalunga nama-124 758 kwangeli xesha linye. Kukwanikezelwe nangeziqinisekiso zobunikazi-mhlaba kubantu abangama-124 758 ngokuthi kwakhiwe iilokishi ezili-112 futhi amakhaya angama-32 544 sele ezifumene iziqinisekiso zobunini-mhlaba" utshilo uSodolophu Gungubele.

Waleke ngokuthi i-ofisi yakhe isebenza ngamandla izama ukuphelisa amatyotyombe nokubonelela abo bahlala emagumbini angemva kumawabo ngokubakhela izindlu.

## UKWANDISWA KWEENDAWO EZIFAKELWE UMBANE

USodolophu uGungubele udandalazise ukuba esi siXeko sifakele umbane kumakhaya asisibonelelo sikarhulumente angaphezu kwama-27 000 ukanti ke kukwafakelwe nezinye izibane zasesitalatweni ezingama-6 972 ukususela ngowama-2011.

Esinye isixa-mali esiyibhiliyoni yeerandi eyi-1.6 sisetyenziselwe ukuphuculwa kweziseko ezingundoqo zombane.

"Njengoko uvimba wombane wesizwe utsala nzima, amalinge ethu okuncedisana naye abandakanya ukuveliswa kombane ohlaziyekayo ozimegawathi ezingama-300 ngowama-2020.

"Ukuphumeza loo njongo, esi sixeko siqalise ngeNkqubo yabaVelisi boMbane abaZimeleyo nto leyo eza kwenza ukuba esi sixeko sibe nokuthenga umbane kumaziko aliqela azimeleyo avelisa umbane," utshilo uSodolophu Gungubele.

# Amalinge okukhuliswa kwesixeko saseThekwini

Thandeka Ngobese

Abemi boMzantsi Afrika bavuna iziphumo zephulo elikhulu likarhulumente lokutyalala imali kulwakhiwo lweziseko ezingundoqo, ngokuba kukho izikolo ezitsha, amanzi, ukufakelwa kombane kunye nemisebenzi, phakathi kwezinye izinto.

Ukudalwa kwemisebenzi, uphuhliso lwezakhono, uphuhliso loqoqosho likamasipala nokwakhiwa kwezindlu yimiba ephambili kuMasipala waseThekwini, utshilo uSodolophu wesi sixeko uJames Nxumalo ngethuba esenza



Ngamakhulukhulu abantu abazuzayo kwiphulo likaMasipala wase-eThekwini lokupheka.

iNtetho engoBume besiXeko kutshanje.

USodolophu uNxumalo uthethe uhlahlo lwabiwo-mali oluzibhiliyoni ezingama-41.6 zeerandi lalonyaka-mali wama-2016/17 luza kusetyenziselwa ukujongana nemiceli mngeni yokwakhiwa kweziseko ezingundoqo, ukuliwa kokunqongophala kwemisebenzi, uphuhliso lwezakhono kwanokukhuliswa koqoqosho.

"Isixa-mali esikhulu solu hlahlo lwabiwo-mali siza kusetyenziselwa uphuhliso uqoqosho lwalo masipala. Sibekelwe bucala imali ezizigidi ezingama-28 eerandii ukulungiselela ukuphuhlisa kwelokishi yaseHammersdale ukuba ibe ngummandla wezoqoqosho," waleke watsho.

Ezinye iilokishi eziza kuphuculwa zibandakanya:

- Isipingo – izigidi ezili-17 zeerandi
- Indawo yokhenketho yase-Umgababa – izigidi ezingama-32 zeerandi
- Ukuphuculwa kommandla wakwa-V e-Umlazi – izigidi ezingama-20 zeerandi
- Indawo yamashishini asakhasayo e-Umlazi – izigidi ezili-13 zeerandi
- Indawo kaMasipala yamaShishini e-Magabeni – izigidi ezili-10 zeerandi.

"Ngolu hlahlo lwabiwo-mali sifuna ukubona uphuhliso olubonakalayo noluya kukhokelela ekudalweni kwezithuba zemisebenzi. Sifuna isixeko esikumgangatho wehlabathi nesiyala kutsala abakhenkethi kwanokwenza ukuba esi sixeko sibe yindawo emnandi ekunokuhlalwa kuyo. Sifuna uqoqosho olomeleleyo noluya kuqhubeka ithuba elide ukuze ngokwenza njalo luvulele ulutsha amathuba emisebenzi," utshilo.

## UKUDALWA KWEMISEBENZI NOPHUHLISO LWEZAKHONO

Esi sixeko sineenkampani zabatywini ezingama-943 ezenza umsebenzi wokulolongwa kwamanzi nezitshintshanayo xa zisenza lo msebenzi.

"Sikwaceba nokuqesha ezinye iingcibi zamanzi khona ukuze umsebenzi ube nokwenziwa ngokukhawuleza. Kuqeshwe i-1 250 lookhala bethutyana kwiindawo zokuhlamba nokuzinceda eziphantsi kukaMasipala ukanti ke nonyakanja kuza kuphinda kuqeshwe abanye abangama-50 nanjengoko kugqitywa ukwakhiwa kwezinye. "Sikwanazo neenkampani zasekuhlaleni

ezingama-366 zona eziqeshe abasebenzi abali-1 770 ukuthutha inkunkuma. Inkqubo yokulwa ubuhlwempu i-Zibambe Poverty Alleviation Programme yona idale imisebenzi engaphezulu kwama-6 200," waleke ngelithsho uSodolophu.

## IIPROJEKTHI YOKUPHUHLISA AMAGCISA

Esi sixeko siza kuqesha abasebenzi bezobugcisa abangama-10 000 kule minyaka mithathu izayo. USodolophu uNxumalo uthethe lo msebenzi uza kuxhasa ngezimali ezithe azasetyenziswa kwimali ebizabelwe umsebenzi wokulungiswa kwezinto ezonakaleyo.

"Abecandelo lamanzi, ugutyulo lwelindle nelobunjini sele bekele bucala isixa-mali esizizigidi ezili-11 zeerandi eza kusetyenziswa kulo msebenzi kulo nyaka-mali uzayo. Injongo kukuba sibe nabasebenzi bobugcisa abaza kuncedisa kumsebenzi wokukhanda nokulungisa kumasipala."

USodolophu uhlaba ikhwelo kuwo onke amacandelo anento yokwenza nokulungiswa kwezinto ezonakeleyo ukuba athathe inxaxheba kweli phulo. Lo msebenzi uza kwenziwa ngezigaba ezahlukeneyo kule minyaka mithathu izayo yaye imali iza kwabiwa ngolu hlobo: Izigidi ezingama-223 zeerandi kunyaka wokuqala, ezingama-260 kowesibini nezingama-260 kowesithathu.

## UPHUHLISO LULUTSHA

Esi sixeko kulo nyaka-mali sibekele bucala isixa esizizigidi ezingama-77.53 zeerandi ukuphuhlisa ulutsha. Le mali iza kusetyenziselwa uphuhliso lolutsha kuzo zonke iindawo eziphantsi kwalo masipala.

"Kwezinye iindawo, iza kusetyenziselwa uphuhliso lwezakhono ezinqabileyo ukanti kwezinye ukuphuhliswa kobo bugcisa ulutsha sele lunabo.

"La malinge akwabandakanya iNgxowamali kaSodolophu yokuXhasa abaFundu kunye neebhasari, ukunikwa ulutsha amathuba okufunda emsebenzini/iinkqubo zokuphuhlisa kwezakhono kunye noPhando ngeZakhono ekuHlalani Jikelele: uphuhliso lwamakhondo kunye nenkxaso; ukunikwa inkxaso kwabo banemfundo enomsila kodwa bengaphangeli kwanezinye iinkqubo.

Ngabantu abatsha abamalunga nama-2 968 ekulindeleke ukuba baxhamle kwezi nkqubo.

"Kulo nyaka uphelileyo sivule i-Ofisi yoLutsha nejongene nemicimbi yolutsha. Le Ofisi yoLutsha yabelwe imali ezizigidi ezisi-9.9 zeerandi. Phakathi kwezinye izinto, le mali iza kusetyenziswa kwiinkqubo zophuhliso lolutsha, iNgqungquthela yoLutsha ngezoShishino, iNyanga ye-Afrika yesiKhumbuzo soLutsha kunye noSuku loMlindo weziPhumo zeBanga le-12," utshilo.

## UKULWA INDLALA

Liyanda inani labantu abaxhamla kumsebenzi wesi sixeko wokutyiswa kwabantu into ke ebangele ukuba wandiswe lo msebenzi ukuze ube nokumelana nalo mceli mngeni.

"Kungoku nje sinamaziko okupheka angama-36 kodwa kulo nyaka eli nani liza kwandiswa liye kutsho kuma-54. La maziko ancediswa ngamavolontiya angama-353 abandakanya abaqhubi abangama-36 namanye amavolontiya angama-317."

USodolophu uthethe eli nani liza kwandiswa liye kuma-486.

## UPHUHLISO LWAMAPHANDLE NOKUQINISEKISA NGOKUTYA OKWANELEYO

Icandelo lezolimo lesixeko libekelwe bucala isixa-mali esizizigidi ezingama-27.5 eerandi. Isixeko sinezitya zoluntu ezingama-85 ezibonelelwa ngezichumisi, umgquba, ucingo lokubiyi, iindawo zokugcina izixhobo, izindlu zangasese neziseko ezingundoqo zamanzi.

"Zonke ezi zitya zikwabonelelwa ngezixhobo zokusebenza. Ngokuphathelele neePaki zezoLimo, kubekelwe bucala imali ezizigidi zeerandi ezihlanu kulungiselelwa ukucwangciswa ukanti kukwakho nenye imali eza kunikezelwa nje ukuba kugqitywe uphando ngokusebenza kwezi paki," waleke ngelithsho uSodolophu.

## UKWAKHIWA KWEMEKO ENGCONO YOKUPHILA

Esi sixeko sibekele bucala isixa esizibhiliyoni eziyi-3.4 zeerandi amaphulo okwakhiwa kwezindlu ukuqinisekisa ukuba abahlali baso banikwa izindlu eziphucukileyo nezinesidima. "Ukunikezelwa kwezindlu, iinkonzo ezisisiseko nezentlalo kuhambisana ngqo nokwakhiwa kweendawo zokuhlalisa abantu ezizinzileyo nezinato konke," utshilo.



INKqubo yeziNdlu yase-Cornubia ibonelela abantu baKwaZulu-Natal ngezindlu ezifuneka kakhulu.